D: ERM	IsiGqeba soLawulo loMngcipheko wamaShishini, seseSebe ieNkulumbuso
DoCS	ISebe loKhuseleko loLuntu
DTPW	Isebe lezoThutho nemisebenzi yoLuntu
ERM	ULawulo loMngcipheko wamaShishini
ERMECO	IKomiti yoLawulo loMngcipheko wamaShishini neziMilo
FMPPI	IsiCwangciso soLawulo lweNkqubo yeNkcazeloyokuSebenza
MEC	ILungu lesiGqeba esiPhezulu [ePhondweni] (uMphathiswa wephondo)
MTEF	IsiCwangciso seNkcitho yaPhakathi eNyakeni
MTO	INTaba ukuya kuLwandlekazi
NTR	IMimiselo kaNondyebo kaZwelonke
PAA	UMthetho woPhicotho-zincwadi zoLuntu
PFMA	UMthetho woLawulo lweeMali zoLuntu
PTI	IMiyalelo yeNgxowa-mali yePhondo
SMME	AmaShishini aPhakathi namaNcinane
UAMP	IsiCwangciso soLawulo lwee-Asethi zabaSebenzisi
WCCC	IKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni

ICANDELO A: AMAVANDLAKANYA EQHINGA

1 Umbono

Kukuba negalelo ngempumelelo ekukhuleni nasekupuhlisweni kwemeko yenkcubeko enkulu kwiNtshona Koloni emanyeneyo.

2 Into esizimisele kuyo

Kukulondoloza, ukukhuthaza nokupuhhlisa inkcubeko eNtshona Koloni ngokuthi:

- sibhalise nangokucima ubhaliso Iwamabhunga ezenkcubeko;
- sibe nesibonelelo sokunceda ngokwezemali amabhunga abhalisiwego;
- silawule, siphuhlise yaye silondoloze impahla enokufuduswa ebekwe phantsi kolawulo lwayo nguMphathiswa wePhondo;
- senze eminye imisebenzi esiyabelwe nguMphathiswa wePhondo; nangokuthi
- sicebise uMphathiswa wePhondo ngomgaqo-nkqubo.

3 Imigaqo

INTembeko, ukuNika iIMpendulo, ukuSebenza ngokuSulungekileyo, ukuSabela ngokuKhawuleza, ukuVela neeNdlela zezi Mini kwaneNkathalo.

4 UMthetho nezinye izigunyaziso

I-WCCC iseenza ngokusemthethweni kwanezinye izigunyaziso ezichazwe apha ngezantsi

4.1 Izigunyaziso ezingokomGaqo-siseko

ICandelo	UXanduva olithe ngqo IweKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni ekuqInisekiseni uthotyelo
UmGaqo-siseko weRiphabiliyi yaseMzantsi Afrika, ka-1996	
ICandelo 6(3), (4) nele-(5): ULwimi	Urhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngolawulo kanye namanye amanyathelo, alawule aphinde ahlole ukusetyenzisa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zihlonitshwe ngokulinganayo kwaye ziphathe ngendlela elinganayo. I-WCCC, ibambisene neSebe leMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo (DCAS), zinoxanduva lokuhlolokuvavanya ukuphunyezwa komGaqo-nkqubo weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni owamkelwa ngowama-2005, kwaye kufuneka zenze ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni malunga nolu gunyaziso ubuncinane kanye ngonyaka. I-DCAS yongamela i-WCCC kwaye inikezela iKomiti ngolawulo kanye nenkxaso yemali.
ICandelo 30: Ulwimi nenkcubeko	IKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) ibonelela ngamatshuba kabantu baseNtshona Koloni ukuba basebenzise amalungelo abo olwimi kanye nawenkubeko ngokuthatha inxaxheba kwiinkqubo nakwiiprojekthi ethi izenze kwaye izixhase.
ICandelo 31: Uluntu lwenkcubeko, inkolo neelwimi	I-WCCC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo zayo kanye neeprojekthi ziyakuhlonipha ukwahlukana kwenkcubeko yabantu bonke baseNtshona Koloni.
ICandelo 41: Imigaqo yorhulumente wobambiswano kanye nobudlelwane nabanye oorhulumente	I-WCCC isebezisana nazo onke iinkalo zikarhulumente ekwenzeni oko igunyaziselwe kona.

ICandelo	UXanduva oluthe ngqo IweKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni ekuqInsekiseni uthotyelo
IShedyuli 4: linkalo zokuSebenza zokuVumelana ngoMsebenzi ngokwemithetho kaZwelonke neyePhondo	I-WCCC isebeanza ngokusondeleneyo neSebe lezoBugcisa neNkcubeko likaZwelonke kanye namanye amaqumrhu ahlobene nalo malunga nemiba yezobugcisa, inkcubeko namafa emveli.
ICandelo 195: Imigaqo yokuziphatha esisiseko kanye nemigaqo elawula ulawulo loluntu	Amagosa eSebe leMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo (DCAS) anoxanduva lokwenza ugunyaziso Iwe-WCCC kufuneka aqinisekise ukusetyenziswa ngokwaneleyo, ngokoqoqoshu kanye nokusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezixhobo azinikiweyo. linkqubo ezenziwe kwicandelo likarhulumente kufuneka zivelise iziqhamo ezininzi ngeendleko eziphantsi xa kunokwenzeka.
UmGago-siseko waseNtshona Koloni, ka-1997 (uMthetho 1 ka-1998)	
ICandelo 70	<p>Umthetho wephondo ufanele ube nesibonelelo sokumiselwa kwengxowa-mali esengqiqweni, ngokwezinto elinazo iPhondo, ukwenzela ibhunga okanye amabhunga ezenkcubeko abantu baseNtshona Koloni abanelifa lenkcubeko okanye ulwimi olufanayo. I-DCAS yongamele i-WCCC ngokuphathelele umthetho owasekelwa le njongo.</p> <p>IKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni, elelinye lamaqumrhu oluntu aphantsi kweliso le-DCAS, inikwe umsebenzi wokubhalisa, nokuxhasa amabhunga ezenkcubeko abhalisiweyo.</p>

4.2 Izigunyaziso ezingokoMthetho

UMthetho	Ingaphulo	UXanduva oluyiNtloko Iwe-WCCC
UMthetho weKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni kwanamaBhunga ezeNkcubeko, ka-1998	UMthetho 14 ka-1998	Injongo yeKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni kukulondoloza, ukukhuthaza nokuphucula ezenkcubeko eNtshona Koloni, ngokuvumelana nomgaqo-nkqubo okugqitywe ngawo ngu-MEC [ilungu leKomiti yesiGqeba esiPhezulu (ephondweni) – uMphathiswa wephondo]. Isigunyaziso se-WCCC kukucebisa u-MEC malunga nokukhuthaza nokuphuhliswa kwezobugcisa eNtshona Koloni.
UMthetho woLawulo lweemali zoLuntu, ka-1999	UMthetho 1 ka-1999 ICandelo 55(1)(d)	I-WCCC ingenisa iingxelo zekota kanye nezonyaka ngokwensiwa komsebenzi wayo kanye neengxelo zemali eziphicothiweyo ngokubhekiselel kwinjongo ecwangcisiweyo ekujoliswe kuko kunya-mali ngamnye.
UMthetho oKhuthaza ukuFikelela kwiNkcazel, ka-2000	UMthetho 2 ka-2000	Lo Mthetho ubonelela ngelungelo lokufikelela kwiingxelo ezikurhulumente, amaziko karhulumente nakumaqumrhu abucala. Phakathi kwezinye izinto, i-DCAS nalo naliphina elinye iqumrhu likarhulumente nelabucala lifanele: liqulunge incwadana ecacisela amalungu oluntu ngendlela yokufaka isicelo sokufumana inkcazel elinayo elo qumrhu; yaye limisele igosa lenkcazel eliza kuqwalasela izicelo zokufikelela kwincazelo ekwiqumrhu elo.
UkhuKhuthazwa koBulungisa boLungiso, ka-2000	UMthetho 3 ka-2000	Lo Mthetho: uchaza imithetho nemigaqo efanele ilandelwe ngabalawuli xa besenza iziggibo; ufuna abalawuli bachazele abantu ngelungelo labo lokuqwalasela okanye lokubhena kwanelungelo labo lokucela izizathu; ufuna abalawuli bachaze izizathu zeziggibo zabo; yaye unika amalungu oluntu ilungelo lokucela umngeni iziggibo zabalawuli enkundleni.

UMthetho	Ingaphulo	UXanduva oluyNtloko Iwe-WCCC
UMthetho wokuKhuselwa kweNkcazel yoBuqu, ka-2013	UMthetho 4 ka-2013	<p>Lo Mthetho ukhuthaza ukukhuselwa kwenkcazel yobuqu esezaandleni zamaqumrhu karhulamente nawabucala; uza nemiqathango ethile ukuze kumiselwe iimfuneko ezincinane zokuphathwa kwenkcazel yobuqu. Ukongezelela, lo Mthetho unesibonelelo sokumiselwa koMlawuli wenkcazel ukuva asebenzise amagunya athile nokwenza imisebenzi ethile phantsi kwalo Mthetho kwanoMthetho wokuKhuselwa kweNkcazel yoBuqu, ka-2000.</p> <p>Lo Mthetho ukwanikezela ngemigaqo yokuziphatha; ilungelo labantu ngokuphathelele uxibebelwano olungacelwanga lobuxhaka-xhaka belelektroniki nokwenziswa kwezigqibo ngokuzenzekelayo; ukulawula ukuhanjisa kwenkcazel yobuqu ngaphaya kwemida yeRiphabhliki; kanye nesibonelelo esinxulumene nale miba elapha.</p>

4.3 Izigunyaziso ezingokomGaquo-nkqubo

Imigaqo-nkqubo exhasa inkqubo eyimpumelelo nesebenzayo yolawulo lwemali nezakuba sisikhokelo semisebenzi echazwe ngezantsi.

ImiGaquo-nkqubo	Ingaciso
UmGaquo wokuziPhatha wamaLungu e-WCCC	Injongo ephambili walo mGaquo kukukhuthaza indlela engumzekelo yokuziphatha ukuze i-WCCC ibe nesidima.
UmGaquo-nkqubo wokuBhalisa nokuCinywa kwamaBhunga ezeNkcubeko aBhalisiweyo	Ukukhuthaza umgaqo wokuhlonipha, ukukhulisa, ukuxhasa nokukhusela iinkcubeko ezohlukneneyo zaseNtshona Koloni noMzantsi Afrika xa uwonke ngokubhalisa nokucima amabhunga ezenkcubeko abhalisiweyo.
UmGaquo-nkqubo wokuSetyenziwa kweeNdawo zeNkcubeko	IGunya eliNika iNgxelo lequmrhu loluntu lifanele lilawulo imali libe noqoqosho nangempumelelo ngokuphuhlisa nokusebenzia iinkqubo zokuchaza, ukuqokelela, ukurekhoda, ukungqinelanisa nokulondoloza inkcazel engemali nokusetyenziwa kwayo.
Ukunikezela kwabanye imisebenzi kwe-WCCC	Ukunikezelwa kwabanye amagunya akhutshwe liGosa eliNika iNgxelo phantsi kwecandelo 44(1) nelama-44(2) loMthetho woLawulo lweeMali zoLuntu, ka-1999 (PFMA).
IsiCwangciso sokuSebenza ngokweNyani	IGosa eliNika iNgxelo lifanele lipuhhlise kwaye livumelane ngesicwangciso esamkelekileyo sokusebenza ngokwenyani nokubalulekileyo kanye neGunya lesiGqeba esiPhezulu bebonisana nabaphicothi zincwadi bangaphandle.
IsiCwangciso sokuThintela uBuqhetseba	Lo mgaqo-nkqubo unesibonelelo sokukhawulelana neenkqubo zokuxela, ukuphanda nokusombulula iziganeko zobuqhetseba.
UkuHlawulwa kwemiVuzo yamaLungu	Ukunikezela ngesicwangciso sokuhlawula amalungu eKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni enyuelwel ukuza zokuchaza, iinkomfa, iziganeko, iintlanganiso kwaneentlanganiso zoqequesho.
IsiCwangciso nomGaquo sokuSungula	Ukudala imeko elungeleleneyo nokudala imilinganiselo yezenkcubeko, nokufezekiswa ngokufanayo kwezi zinto.

Ukuhlobana kwezinto elijolise kuzo iqhinga lephondo

linjongo zeqhinga le-WCCC zihlobene neziNto elijolise kuzo iqhinga lePhondo (PSGs) likaRhulumente weNtshona Koloni:

- I-PSG 3: Uphucula impilo-ntle, ukhuseleko nokulwisanan neengxaki zoluntu.
- I-PSG 5: Ubandakanya ulawulo olululo nokuhanjisa kweenkonzo okudityanisiweyo ngokusebenzisa amahlakani nokungqamana nendawo.



I-PSG 3	Imisebenzi ye-WCCC inegalelo kwimpilo-ntle yoluntu nokuqhagamshelanisa kwezenkcubeko ngokudala amathuba entsebenziswano nokwenza isibonelelo seendawo zokubonakalisa ubuchule bezobugcisa nezenkcubeko ize ngaloo ndlela idale ukuzidla nobunye eluntwini ngokwabelana ngenkcazel, ulwazi nezinto eziluncedo.
I-PSG 5	Imisebenzi neenkubo zjoliswe ekwakheni ubudlelwane noomasipala nokudimbaza kuvimba wobuchule kurhulumente wephondo ngelokuqinisekisa ukuhanjisa kweenkonzo okudityanisiweyo eluntwini.

UMba womGaquo-nkqubo weCandelo

Kwaqhutywa iiNtlanganiso zoLuntu eNtshona Koloni ngo-Apreli – Meyi 2018, ukuze kuboniswane namaqela anomdla malunga noMthetho osaYilwayo wamaSiko namaKhoi-San. Lo Mthetho osaYilwayo, owakhe wagqalwa njengoMthetho, usenganefuthe kwi-WCCC namaBhunga ezeNkcubeko ngokuthe ngqo.

4.4 Izigwebo zenkundla ezifanelekileyo

Azikho

4.5 Amaphulo acetylweyo omgaqo-nkqubo

Awekho acetylweyo

5 Uhlalutyo lweemeko

Imeko yezoqoqosho, eyezentlalo nesinqongileyo (iqondo eliphezulu lentswela-ngqesho, ukuba sisidodo koqoqosho, ukuguquka kwemozulu) kweli lizwe, kuqhubele i-WCCC ukuba ibonisane ngeendlela zezi mini zokufezekisa isigunyaziso sayo. Imeko yezenkcubeko neyezentlalo ifuna ukuba sicinge ngokutsha kwaye siqwala sele ngokutsha into eyenziwayo ngoku ukuze siphucule inkonzo yethu eluntwini.

Le nguqu ifuna intsebenziswano esondeleyo noluntu kwanababandakanyekayo ukuze iinkqubo namaphulo ajoliswe yaye angqamaniswe ngakumbi neemfuno zabo baxhamla iinkonzo. Ukusebenzisana neeNkqubo zeSebe kwahlolwa yaye iNkqubo ye-EPWP neyamaThanda-zwe aseLula zabangela kwabakho abasebenzi abafuneka ngamandla kwezi ndawo. Aba bantu baselula bafakwa emsebenzini baza bazuza amava kulawulo lweeprojekthi nabathengi, ekudluliselweni kwezakhono nakwimiba yolondolozo ehlobene nempilo nokhuseleko emsebenzini. Ukwakha ubudlelwane namanye amaqumrhu kuza kuthi chatha ngenjongo yokungena nzulu kwifuthe lomsebenzi we-WCCC.

I-Jonkershoek Valley, apho likhoyo iziko lenkcubeko i-Okkie Jooste, ifuna ukubekw' elisweni kakhulu ngenxa yemeko emaxongo kulo mmandla. Ilahleko eyenzekayo kule ndawo ngenxa yokonakaliswa kwayo, ibangele uxinezeleko olumandla kwi-WCCC. Kufuneke ukuba iSebe kunye ne-WCCC libe yinxalenye yentlanganiso yababandakanyekayo lize libonisane nabantu ngeenkonzo ezinikezelwa kule ndawo kwaneenzozo zayo ebantwini.

ISebe linikezela ngenkxaso efunekayo kwiKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) ukuqinisekisa ukuba iyasifezekisa isigunyaziso sayo esingokomgaqo-nkqubo kwaye iyaqhube ka inika iingcebiso ekukhuthazeni ezobugcisa nezenkcubeko eNtshona Koloni.

I-WCCC ineenkalo ezintathu ejolise kuzo ezibekwe nguMthetho weKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni kwanamaBhunga ezeNkcubeko, uMthetho 14 ka-1998. Ezi nkalo kujoliswe kuzo zichaza imisebenzi yale Komishoni eyile:

- ukulawula, ukupuhlisa nokulondoloza impahla enokufuduswa; le mpahla iquka amaziko asixhenxe ezenkcubeko abekwe phantsi kolawulo lwayo.
- ukubhalisa nokucima ubhaliso lwamabhunga ezenkcubeko; kunye
- nokucebisa u-MEC ngeyona ndlela engcono anokusifezekisa ngayo isigunyaziso sale Komishoni.

Ukuze ifezekise isigunyaziso, i-WCCC ijonge:

- ukudibanisa imisebenzi/iinkqubo zamaBhunga ezeNkcubeko kunye namaphulo esebe kwanokubonisana namaBhunga ezeNkcubeko.
- ukucebisa nokubeka elisweni ukulondolozwa nokusetyenziswa kwamaziko ezenkcubeko ngelilixa isithi ngaxesha-nye ihlole okunye okungenziwa kwezi zakhiwo.
- Ukuvula amathuba entsebenziswano, iingcebiso nesikhokelo esiqhubekayo ku-MEC kwimiba ehlobene nezobugcisa nezenkcubeko.

I-WCCC iza kungqamanisa imisebenzi yayo naleyo yeSebe phantsi kweliso leGunya eliNika iNgxelo, ukuze ifezekise isigunyaziso sayo.

5.1 IMeko yokuSebenza

Tnto enokwensiwa zezobugcisa nenkcubeko njengendlela yokukhawulelana neenkalo ezithile zombi babantu ayifanelanga ijongelwe phantsi. Kungenxa yesi sizathu lento i-WCCC icwangcisa ize ifezekise imisebenzi yayo ngokusebenzia izinto zenkcubeko, amabhunga ezenkcubeko kunye nenqubo emiselweyo.

IKomiti yamaZiko ezeNkcubeko

Imeko yezoBugcisa neNkcubeko ivula amathuba okuba abantu namaqela avakalise iimvakalelo nembilini yawo ngendlela efanelekileyo nenobuchule.


IKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) ifanele ilawule, iphuhlise ize ilondoloze impahla enokufuduswa okanye engenakufuduswa ebekwe phantsi kweliso layo nguMthetho. Ngapha koko uMthetho (uMthetho weKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni kwanamaBhunga ezeNkcubeko, onguNom-14 ka-1998) inika i-WCCC amagunya, emveni kokuba igunyaziswe nguMphathiswa wePhondo, okuba yokhe, ixhobise, ilondoloze okanye ilungise nasiphina isakhiwo esikwindawo engenakufuduswa.

La maziko sithethanje akenzi ingeniso eyoneleyo kwimisebenzi nasekusetyenzisweni kwawo okwenzekayo ngoku, ukuba alondoloze ngokwaneleyo ii-asethi zawo. Ngoko ke, inkqubo yokuhlolwa ngokutsha ukusetyenziswa nokwenza kwawo ingeniso sele kuqualile. Inkqubo ye-intanethi yokubhukisha iyasebenza yaye sele kusetyenziswa namaxabiso amatsha. Kwaphuhliswa umgaqo wokusetyenziswa kwawo ngenjongo yokubona ingeniso ekujongwe kuyo.

Ingxaki yamanzi eqhubekayo nokujolisa ingqalelo kwizixhobo zokonga amandla kubangele ukuba kufakelwe iinkqubo zamanzi angwevu kwanezixhobo eziphehla umbane elangeni kwezi zakhiwo. Oku kuza kuhlolwa ngokubambisana nangokuncedwa liSebe lezoThutho nemisebenzi yoLuntu. Ukhuseleko kwezi zakhiwo luza kuba ngundoqo kunyaka ozayo yaye kuza kuhlolwa nokusetyenziswa kweteknoloji entsha yokhuseleko.

INANI LABASEBENZISI BEENDAWO EKULALWA KUZO

Le theyibhuli engezantsi ilibonisa xa lilonke inani labasebenzisi kwisithuba seminyaka emithathu. Okwangoku itheyibhuli ka-2018/19 isaqikelelwa.



Ukratya ekusetyenzisweni kwezi zakhiwo ngabantu abohluka-hlukaneyo ebuden bonyaka ka-2017/18 njengoko kubonisiwe ngasentla, ubangele ukuba uphinde uhlolwe ngokutsha uze ulungiswe umGaquo-nkqubo wokuSetyenziswa kweZakhiwo zeNkcubeko ukuze zisetyenziswe ngabathengi ngokubanzi. I-Bien Donne Manor House ayinazo iindawo zokulala yaye ikakhulu isetyenziswa ngamasebe karhulumente ukwenzela iinkomfa neentlanganiso.

Ngenxa yemfuneko yokuba kufuneka kukhuthazwe ulutsha lugoca-goce izakhono zalo size silunike amathuba oku kuzigoca-goca, asinakude sithethe sitshelwe ngamazwi mayela nemfuneko yokuba zibekhona ezi zakhiwo zize zifikeleleke.

IKomiti yamaBhunga ezeNkcubeko

Umsebenzi wamabhunga abhalisiweyo ezenkcubeko uza kuhlolwa uze ubekwe elisweni ngelokujinisekisa ukuba umbandela wenkqubo yamabhunga abhalisiweyo unqamana nenjongo yonke ye-WCCC. I-WCCC iyibona kwangoku intsebenzisano njengento ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukuba iinkqubo ezsungulwayo zifanelekile kwaye zihambelana neemfuno zabantu. I-WCCC iyakuxabisa ukwahluka-hlukana ngokweenkcubeko neelwimi kwabantu yaye izama ukukhuthaza ukubambisana koluntu ngenjongo yokuphucula abantu.


IQela elingumKhomba-ndlela

IKomiti engumKhomba-ndlela yikomitana ye-WCCC kwaye linika inkxaso kwiSebe. Yona isebeanza ngokwemida yesiCwangciso nomGaquo ongumKhomba-ndlela ka-2014 owandlala isicwangciso solawulo esinokusetyenziswa kwiNkqubo engumKhomba-ndlela.

Eli Sebe lijunge ukudala imeko ekhuselekileyo nelungeleleneyo ngenxa yokuntsonkotha kwale nkqubo. Uhlobo lwale nkqubo lufuna intsebenzisano ethe rhoqo nababandakanyekayo kuquka iSebe lezeMpilo, uPhuhliso IoLuntu, uRhulumente weNgingqi, iSAPS, iCape Nature, oomasipala abohluka-hlukaneyo kunye neMountain to Ocean (MTO).

5.2 Ubume beQumrhu

Izikhundla zabo baxhuzul' imikhala kweli qumrhu ziboniswe ngezantsi:



NgokweCandelo 4 lo Mthetho weKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni kwanamaBhunga ezeNkcubeko, uMthetho 14 ka-1998, ukumiselwa kwanesigunyaziso seKomishoni kuchazwe ngokucacileyo.

Amalungu akhoyo eKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni abekwa ngomhla we-15 ku-Oktobha 2018 yaye ixesha lawo liza kuphela ngomhla we-15 ku-Oktobha 2021. La malungu abekiwego aqeshwe ngokusisigxina yaye asebenza kwi-WCCC njengamavolontiya. Ukanti ayasifumana isibonelelo seendleko zaho zokuhamba yaye afumana intlawulo ngeyure.

NgokweCandelo 13 loMthetho weKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni kwanamaBhunga ezeNkcubeko, uMthetho 14 ka-1998, abasebenzi banoxanduva lokusebenza nokufezekisa izalathi eziphambili zokusebenza njengoko zichazwe kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka sika-2019/20 se-WCCC.

5.3 Ingcaciso yenqubo yokucwangcisa iqhinga

Ukucwangcisa iqhinga mayela nemisebenzi yale Komishoni iqale ngeengxoxo zokuQala kwiseshoni yokucwangcisa iqhinga lesebe nokubonisana ngokubhekele phaya ekufakanen' imilomo kwe-WCCC. Iinkalo ezaxoxwayo kwaze kwajolisa kuzo ziQuka:

- UmGaquo-nkqubo wokuSetyenziswa kweZakhiwo zeNkcubeko
- UmGaquo wokuSetyenziswa kweZakhiwo zeNkcubeko
- INdlela yokusetyenziswa kakuhle kweZakhiwo zeNkcubeko
- Ukuhlolwa kweendlela ezaHlukeneyo zokusetyenziswa kwemali kumabhunga ezenkcubeko abhalisiweyo

6 Injongo ezijoliswe kwiziphumo zeqhinga leli ziko

Injongo yeQhinga	Ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokuguqula imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni.
InkcazeloyeNjongo	<ul style="list-style-type: none">• Ukuphucula ukusetyenziswa kwamaziko enkcubeko ngabemi baseNtshona Koloni.• Ukukhuthaza unxibelelwano lweenkcubeko ngeengxoxo kunye namabhunga ezenkcubeko; kwakunye• Nokukhuthaza ubunye boluntu.

ICANDELO B: IINJONGO ZEQHINGA

7 INkqubo: IKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni

I-WCCC ivula ithuba lokufikelela kumaziko ezenkcubeko yaye inika inkxaso kumabhunga ezenkcubeko nakwicomiti engumkhomba-ndlela yokuQala.

8 Iinjongo zeQhinga

Iinjongo zeQhinga	Ukulondolozwa, ukukhuthazwa nokupuhliswa kwezobugcisa nenkcubeko ngokusebenzisa amabhunga ezenkcubeko, ulawulo lwamaziko ezenkcubeko nangekomiti engumkhomba-ndlela yokuqala.
INkcazeloyeNjongo	Ukukhuthaza intlonipho, nokuxabisa ukohlukana ngokweenkcubeko ngokubonisana namabhunga ezenkcubeko ukuba zikhuthaze zize zilondoloze iinkcubeko ezohlukeneyo eNtshona Koloni. Ukulawula nokulondoloza amaziko asixhenxe ezenkcubeko ngokwemigaqo eyamkelekileyo yolondolozo nokukhuthaza ukusetyenziswa kwezi zakhiwo ngabemi beli phondo. Ukunika iingcebiso zobugcisa ngenjongo yokuphucula iinkqubo nemisebenzi eyenziwa lisebe.
Isiqalelo	29 amabhunga ezenkcubeko abhalisiweyo. 7 izakhiwo zenkcubeko.
Izizathu	Ukudala uluntu olumanyeneyo nolubumbeneyo

9 Izinto ejolise kuzo injongo yeqhinga zonyaka ku-2019–2022

IsaLatlh seNjongo yeQhinga	UmSebenzi oPhicothiweyo/oweNziweyoni			UQlkelelo lomSebenzi	IzInTo ekuJoliswe kuzo kwikota ePhakathi		
	2015/16	2016/17	2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22
1. Ukunika iingcebiso ngokulondolozwa, ukukhuthazwa nokuphuhliswa kwezoBugcisa neNkcubeko ngeentlanganiso nemisebenzi yokucwangcisa ngelokukhulisa umanyano loluntu.	14	24	20	18	22	24	24

10 Ulawulo lomngcipheko

INKcazeloyomGaquo-nkqubo woLawulo loMngcipheko wamaShishini wondlala injongo yePhondo xa iyonke mayela ne-ERM kwaye iyavuma ukuba i-ERM yinxalenye ebalulekileyo yenqubo ye-WCG yokwenza iziggibo nokunika iimpendulo.

Umngcipheko 1: Ikomiti esandul' ukumiselwa esenokuba namagingxi-gingxi ekufezekiseni isigunyaziso sayo

Amaqhinga olungiso:

- Ukuhanjiswa kwenkcazeloo kumalungu ekomiti malunga neenkqubo, iiprojekthi namanye amaxwebhu afanelekileyo ukuze afezekise isigunyaziso sawo.
- Kuveliswe iziphakamiso ezimbalwa mayela namalungu ekomiti ezisetyenziswayo kwinkqubo yokugaya
- Ukuqhelaniswa kwamaLungu. Iseshoni yoQeqesho eqhutywayo nequka okukulandelayo:
- Ukucaciswa kweendima noxanduva ngokoMthetho oSebenzayo.
- Imiba yothotyelo njengoko iqulethwe ngumGaquo wokuziPhatha nokukhawulelana namaxesha neenkqubo.
- Ukubonisa rhoqo ngomgaqo wokuziphatha.

- Ukunyusa amaqondo okuqonda umsebenzi, amavandlakanya nge-DCAS – iqumrhu lezoBugcisa neNkcubeko nangee-APP ye-WCCC ziqhutywa kwiintlanganiso zokuCwangcisa neekomitana.
- Amalungu ekomiti ayamenya ukuba azimase imisitho ukuze abone ukuba lisebenza njani eli sebe.
- Ukuhanjisa kwenkcazelu kumalungu ekomiti malunga neenkubo, iiprojekthi namanye amaxwebhu afanelekileyo ukuze afezekise isigunyaziso sawo.
- Ezi zinto zilandelayo zivunywa zize zitylkitywe lilungu lekomiti ngalinye. Uthotyelo ke lubekwa elisweni liGosa eliNika iNgxelo:
- Illeta yengqesho echaza iindima noxanduva
- UmGaquo wokuziPhatha ofanele usetyenziswe
- Ukuchaza xa kukho ukungqubana komdla

Umngcipheko 2: Ukungalondolozwa ngokwaneleyo kweziseko zophuhliso zezakhiwo zenkcubeko

Amaqhinga olungiso:

- I-DoCS yenze isicwangciso sokhuseleko sawo onke amaziko kwaneziphakamiso eziye zahlolwa ngokweendleko zazo yaye ziisetenziswa ngokuthe ngcembe.
- I-DoCS ibek' elisweni ukusetyenziswa kweziphakamiso ngokwesicwangciso sokhuseleko esiphekwe yi-DoCS, umz., ukugadwa ebusuku kwaneenkonzo zoonogada abaxhobileyo kwizakhiwo ezithile
- Linombolo zoqhamshelwano ngexesha likaxakeka zifumaneka kuzo zonke izakhiwo zala maziko
- Izakhiwo zilungisa rhoqo kwinkqubo ye-alamu ekhoyo ukuqinisekisa ukuba iyasebenza.
- Kukho i-inshorensi kunye nomboneleli we-inshorensi ukuze kuhlawulwe umonakalo othile
- Kufakwe izibane ze-LED kwizakhiwo ezithile ukuqinisekisa ukuba kukhanya kakuhle.
- Oonogada basebbusu baqeshiwe kwizakhiwo ezikumngcipheko omkhulu wolwaphulo-mthetho (umz., i-Okkie Jooste, iGroot Drakenstein)
- Bonke abasebenzi bala maziko baqeleshelwa ukubamba iinyoka.

Umngcipheko 3: Ingeniso engonelanga yokurenta ukuze kuhlawulwe iinkcitho zolondolozo lwezi zakhiwo.

Amaqhinga olungiso:

- IKomiti ibandakanya iingcali zalo mcimbi ukuze ziphonononge ngempumelelo ukusetyenziswa kwazo.
- Ukuhlolwa ngokutsha komgaquo-nkqubo nokugunyaziswa kwawo into leyo evumelana nenqubo yokubhukisha nge-intanethi.
- UmGaquo-nkqubo wokuSetyenziswa kweSakhiwo seNkcubeko uhlengahlengisiwe ngokuvumelana nenqubo yokubhukisha nge-intanethi, umz., iindlela zokukhetha amaxabiso neendlela zokurenta, iidipozithi ezinokubuyiselwa kubaninizo, njl.
- Izakhiwo ezisetyenziselwa iinjongo ezimbini (umz., iMelkbos Oppiesee, iGroot Drakenstein, i-Okkie Jooste)

- Izakhiwo ziguqulelwe ekubeni ngamagumbi eentlanganiso (enziwe ngokwezigaba yaye ziindawo ezimbini ezilingwayo koku, umz., i-Oppiesee neGroot Drakenstein
- Kubekwe inkqubo yokubhukisha nge-intanethi, kubonelelwe ngeenkukacha ukuze kuncedwe abaphathi nasekuphononongweni ukusetyenziswa kwazo.
- Ukufileleka kwenkcazelo yokubhukisha kwabo basenokuba ngabathengi.
- Ukufileleka kwenkcazelo yokubhukisha okuvumela ukuphononongwa kokusetyenziswa kwazo ngelokuncheda xa kusenziwa izigqibo ngamaxabiso, kumgaqo-nkqubo wokusetyenziswa kwazo, njl.
- Ukufileleka kwenkcazelo yokubhukisha okuvumela ukuphononongwa kokusetyenziswa kwazo ngelokuncheda xa kusenziwa izigqibo ngamaxabiso, kumgaqo-nkqubo wokusetyenziswa kwazo, njl.
- Ukufileleka kwenkcazelo yokubhukisha okuvumela ukuphononongwa kokusetyenziswa kwazo ngelokuncheda xa kusenziwa izigqibo ngamaxabiso, kumgaqo-nkqubo wokusetyenziswa kwazo, njl.
- Amaqhinga awohlukaneyo ezibhengezo zentengiso (umz., iincwadana, iiintsku ezingezozamicimbi, ukusetyeziswa kwezibhengezo zentengiso) ngelokutsala abathengi. Oku kusenokubekwa elisweni xa kukho umdla nemfuneko exhomileyo

11 Izalathi zokusebenza kwenkqubo kwanezinto ekujoliswe kuzo ngonyaka

Isalathl sokuSebenza kweNkqubo		UmSebenzl oPhicothlwego/oweNziwego					Uqikelelo IomSebenzl	IzInTo ekuJoliswe kuzo kwilKota ePhakathl		
		OkuHlobene ne-PSG	2015/16	2016/17	2017/18	2018/19		2019/20	2020 /21	2021/22
1.1	Inani lamabhunga ezenkubeko abhalisiweyo axhaswa ngemali edlulisiweyo*	PSG 3	-	-	-	-	5	5	7	
	Inani leziganeko zokuphucula ukufikeleka nokukhuthazwa konxibelelwano lwennkcubeko zoluntu**	PSG 3	3	3	3	2	-	-	-	
1.2	Inani lezakhiwo eziphuculiwego okanye ezilondoloziwey ukuqinisekisa uzinzo nokhuseleko lwabasebenzisi bazo	I-PSG 3	7	7	7	7	7	7	7	
1.3	Inani leentlanganiso zokucwangcisa nezeekomitana zokucebisa uMphathiswa	I-SG 3	4	14	10	9	10	10	10	

*Isalathi sokusebenza saguqulwa kunyaka-mali ka-19/20

**Isalathi sokusebenza ngaphambi kokuguqulwa kwaso kunyaka-mali ka- 2019/20

12 Izinto ekujoliswe kuzo ngekota ku-2019/20

	IsaLathi sokuSebenza	Okuhlobene ne-PSG	Ixesha lokunika Ingxelo	Inte ekujoliswe kuyo ngonyaka	Izinto ekujoliswe kuzo ngekota			
					1 st	2 nd	3 rd	4 th
1.1	Inani lamabhunga ezenkcubeko abhalisiweyo axhaswa ngeentlawulo ezidluliselweyo	3	Ngekota	5	-	2	3	-
1.2	Inani lezakhiwo eziphuculiweyo okanye ezilondoloziwey ukuqinisekisa uzinzo nokhuseleko lwabasebenzisi bazo	3	Ngonyaka	7	-	-	-	7
1.3	Inani leentlanganiso zokucwangcisa nezeekomitanazokucebisa uMphathiswa	3	Ngekota	10	4	2	1	3

13 Ukungqamanisa izinto ekujoliswe ngokomsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali kanye ne-MTEF

Uqikelelo lweendleko

INkqubo	Isiphumo esiphicothlweyo	Uqikelelo lweenkcltho	Uqikelelo lweenkcltho zekota ephakathi			
			2018/19	2019/20	2020/21	2021/22
Amawaka ee-R	2015/16	2016/17	2017/18	2018/19	2019/20	2020/21
IKomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni	3 452	4 032	4 713	4 265	2 806	2 975
Itotal encinane	3 452	4 032	4 713	4 265	2 806	2 975
Iintlawulo ezithe ngqo kwNgxowa-mali kaZwelone	-	-	-	-	-	-
Itotal	3 452	4 032	4 713	4 265	2 806	2 975
Udidi loqoqosho						
Iintlawulo zangoku						
Imbuyekezo yabasebenzi limpahla neenkonzo ezizezi: Unxibelewano linkonzo yekhompyutha iingcali, iikontraka neenkonzo ezikhethekileyo Ubalo lweempahla Ulungiso lokundoloza neendleko zokusebenza Ukusebenza kwezinto eziqeshisayo	8 66	30 98	17 62	18 68	20 122	22 130
Uhambo nokutya Iintlawulo zophicotho Izbihengezo Ezinye Intzala nerenti yomhlabo Iintlawulo zemali ngokwee-asethi namatyala	83 84 12 3 139	89 118	93 153	110 92	92 110	100 175
Iliali ezidlullselwego nezbonelelo:	60	60	30	30	150	210
Amaphondo noomasipala Ii-arhente nee-akhawunti zesebe IIYunivesithi neeYunivesithi zeTeknoloji Amashishini oluntu namashishini abucala Oorhulumente bangaphandle namaqumrhu amanyi amazwe Amaziko angensi nzudo Amakhaya	60	60	30	30	150	210
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu						
Izakhwi nezinye iindawo ezimileyo Oomatshini nezixhobo Ii-asethi ezilinywayo Isoftware nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo Umhlaba nee-asethi zomhlaba eziyile: Imbuyekezo enkulu						
Itotal	3 452	4 032	4 713	4 265	2 806	2 975

13.1 Ukusebenza neenkitho

Inkcitho yangaphambili ngokuyintloko iquka iindleko ezinxulumene neentlanganiso zekomiti ezinjengezibonelelo zeentlanganiso, uhambo nokutya kwanezipheko. Le nkcitho ihlobene ngqo nokusebenza kwangaphambili kweli Qumrhu okuquka ikakhulu ukusindlekwa kweentlanganiso ezingeengcebiso malunga nokulondolozwa, ukukhuthazwa nokuphuhliswa kwezoBuggisa neNkcubeko. Ngokukwanjalo, i-MTEF ka-2019 ijoliswe kwiinkcitho nomsebenzi ofanayo.

14 INGCACISO YOBUGOCIGOCI BESALATHI

Isalathi senjongo yeqhinga

Umxholo wesimalthi	Ukucebisa malunga nokulondolozwa, ukukhuthazwa nokuphuhlswa kwezoBuggcisa neNkcubeko ngeentlanganiso zokucwangcisa nangemisebenzi yokuphucula ubunye boluntu.
Ingcaciso emfutshane	Ukuquzelela ukuthatha inxaxheba koluntu ngokubanzi kwimiba yokwahluka-hlukana ngokweenkcubeko eNtshona Koloni, nokudala iqonga lentsebenziswano yeenkcubeko ezohluka-hlukaneyo.
Injongo/ukubaluleka	Ukuvulela abantu ithuba lokufikelela kwinkcazel baze batha the inxaxheba kwimisebenzi ekhuthaza ukunxibelelana ngokweenkcubeko ebantwini. Ukwenza iziphakamiso nokucebisa uMphathiswa kwimiba ehlobene nezobugcisa nenkcubeko.
Umthombo/ukuqokelelw kweenkcukacha	Uvimba weenkukacha kwaneengxelo, iifoto.
Indlela yokubala	Ukungeniswa kweengxelo kwamabhunga abhalisiwego ezenkcubeko. Imizuzu neengxelo. Ukubala inani leentlanganiso nenani leengxelo ezingenisiwego
Ukulinganiselwa kweenkcukacha	Ukungathobel iointo eziyimfuneko ngokolawulo
Uhlobo lwasalathl	Isalathi sokuHanjiswa kweeNkonzo esinganggalanga
Uhlobo lokubala	Ukuqokelela
Umjikelo wokunka Ingxelo	Ngonyaka
Isalathi esitsha	Hayi
Umsebenzl onqwenelwayo	Ngulo ekujoliswe kuwo
Onoxanduva lwasalathl	UMphathi onoXanduva

Isalathi sokusebenza kwenkubo

1.1

Umxholo wesalathi	Inani lamabhunga abhalsiwego ezenkcubeko axhaswa ngeentlawulo ezidiluselwego.
Ingcaciso emfutshane	Ukuququzelela iinkqubo zenkcubeko ebantwi nokuvula amaqonga okusebenzisana kweenkcubeko ezohlukahlukeneyo.
Injongo/ukubaluleka	Ukuvulela abantu indlela yokufikelela kulwazi nenkcazelokukhuthaza unxibelelwano lwabantu.
Umthombo/ukuqokelewa kweenkcukacha	liNgxelo
Indlela yokubala	Ukubala iiNgxelo.
Ukulinganiselwa kweenkcukacha	lingxelo ezingaphelang
Uhlobo lwasalathi	Isalathi sokuHanjswa kweeNkonzo esingangqalanga SiXhomekeka ngokweMfuneko leyo Ukuthelekisa okuFeziwewo nemisebenzi
Uhlobo lokubala	Ukugokelela – ekupheleni konyaka
Umjikelo wokunka Ingxelo	Ngekota
Isalathi esitsha	Ewe
Umsebenzi onqwenelwayo	Ngulo ekujoliswe kuwo
Onoxanduva lwasalathi	UMphathi onoXanduva

1.2

Umxholo wesalathi	Inani lamazko aphucullwego okanye alondolozlwego ukuqlnsekisa uzlnzo nokhuseleko lwabasebenzisi bawo
Ingcaciso emfutshane	Ukulondoloza amaziko abe kumgangatho owamkelekileyo ukuze akhawulelane neemfuno zabathengi nokuqinisekisa ukhuseleko lwabasebenzisi bawo.
Injongo/ukubaluleka	Ukubonisa abemi imeko ekhuthaza imigaqo yokuziphatha emitsha nokuyixabisa size ngaloo ndlela sinciphise iingxalo zoluntu.
Umthombo/ukuqokelewa kweenkcukacha	Inani labasebenzisi bawo
Indlela yokubala	Ukubala nokurekhoda
Ukulinganiselwa kweenkcukacha	Amaziko angasetyenziswa kangako
Uhlobo lwasalathi	Isalathi sokuHanjswa kweeNkonzo esinefuthe kubemi. SiXhomekeka ngokweMfuneko leyo
Uhlobo lokubala	AkuQokelelwa
Umjikelo wokunka Ingxelo	Ngonyaka
Isalathi esitsha	Hayi
Umsebenzi onqwenelwayo	Ngulo ekujoliswe kuwo
Onoxanduva lwasalathi	UMphathi onoXanduva

1.3

Umxholo wesalathi	Inani leentlanganiso zokucwangcisa nelezeekomitana zokucebisa uMphathiswa
Ingcaciso emfutshane	Ukuqinisekisa uxibelelwano nokwenza izigqibo kwanokucebisa uMphathiswa ngemiba ehlobene nezobugcisa nenkcubeko
Injongo/ukubaluleka	Ukuqinisekisa ukuba inkcazel o ichanile yaye inokuthenjwa.
Umthombo/ukuqokelelwa kweenkcukacha	Imizuzu yeentlanganiso, ii-ajenda, irejista yabakhoyo. Isicwangciso sentlanganiso,
Indlela yokubala	Ukubala
Ukulnganiselwa kweenkcukacha	Ukungabikho kwesiNinzi entlanganisweni
Uhlobo lwasalathi	IsaLathi sokuHanjisa kweeNkonzo – sinefuthe elithe ngqo kubemi Okufeziweyo
Uhlobo lokubala	Ukuqokelela – ekupheleni konyaka
Umjikelo wokunika ingxelo	Ngekota
Isalathi esitsha	Hayi
Umsebenzi onqwenelwayo	Ngulo ekujoliswe kuwo
Onoxanduva lwasalathi	IGosa eliNika iNgxelo

IZIHLOMELO A: IINGUQU KWISICWANGCISO SEQHINGA SIKA-2015 - 2020

1. KWISICWANGCISO SEQHINGA INJONGO YEQHINGA IFUNDEKA NGOLU HLOBO:

Ukulondoloza, ukukhuthaza nokuphuhlisa ezobugcisa nenkcubeko ngokulawula kwamabhunga ezenkcubeko amaziko ezenkcubeko, ophando nawophononongo.

Ngoku i-APP ifundeka ngale ndlela:

"Ukulondolozwa, ukukhuthazwa nokuphuhlisa kwezobugcisa nenkcubeko ngokulawula kwamabhunga ezenkcubeko amaziko ezenkcubeko nangeekomiti ezingumkhomba-ndlela."

UNYAKA-MALI KA-17/18

2. UKUGUQLWA KWESIQALO KWISICWANGCISO SEQHINGA NJENGOKO KUBONISIWE

IsiCwangciso seQhinga sibonisa amabhunga ezenkcubeko abhalisiwego angama-24 njengesiqalo (iphe. 5)

Ukanti eka-2017/18 i-APP yona ibonisa ukuba isiqalo yayingama-28.

Kunyaka-mali ka-15/16 kubekho ukuhlolwa ngokutsha kwamaBhunga ezeNkcubeko abhalisiwego. Asixhenxe kuwo acelwa ukuba acinywe wona kwaza ke kwasala isumi elinesixhenxe ngesiqalo. Noko kunjalo, kunyaka-mali ka-16/17 kwabhalisa amabhunga ezenkcubeko angakumbi ali-11. Ngoko ke, isiqalo siye sanda saba ngama-28.

UNYAKA-MALI KA-18/19

3. INJONGO YESALATHI SENJONGO YEQHINGA SAGUQUKA (i-APP iphe. 10)

Isalathi sokusebenza kwenkubo 1.1 siye sancitshiswa ukusuka kwiziganeko ezintathu (3) ukuya kwezimbini (2) kunyaka-mali ka-2018/19. Ngaloo ndlela izinto ekujoliswe kuzo kule minyaka emihlanu ezayo zisahleli kwi-18. Olu luhlengahlengiso ukususela kwishumi elinesine (14) njengoko kuchaziwe kwisiCwangciso seQhinga ukuya kwishumi elinesibhozo (18) njengoko iintlanganiso zekomiti ziukiwe kwi-APP.

I-APP YONYAKA-MALI KA-19/20

4. ISALATHI SENJONGO YEQHINGA: INTO EKUJOLISWE KUYO KWIKOTA EPHAKATHI IGUQUKILE (i-APP iphe. 10)

Isalathi sokusebenza (1.1) siguqliwe ukususela kwiziganeko eziliqela ukuya kwinani lamabhunga ezenkcubeko axhaswayo. Maninzi amabhunga afanele axhaswe yiloo nto kukho uchatha kwizinto ekujoliswe kuzo.

5. ISALATHI SOKUSEBENZA SIGUQUKILE KU-2019/20 (i-APP iphepha. 12)

Isalathi sokusebenza kwenkubo 1.1 "... Inani leziganeko zokuphucula ukufikeleleka nokukhuthazwa konxibelelwano, ubunye boluntu nonxibelelwano lweenkcubeko..." kwaguqlwa kwafuneka ngale ndlela elandelayo kunyaka-mali ka-2019/20:

"... Inani lamabhunga ezenkcubeko abhalisiwego axhaswa ngeentlawulo ezidluliselweyo..."



Wes-Kaapse
Regering

Kultuursake en Sport



Western Cape Cultural Commission

Wes-Kaapse Kultuurkommissie

Ikhomishoni yeNkubeko YeNtshona Koloni

Jaarlikse Prestasieplan

2019/2020



JAARLIKSE PRESTASIEPLAN

2019/20

4 MAART 2019

VOORWOORD

Die voorgestelde strategiese doelwitte en oogmerke van die Wes-Kaapse Kultuurkommissie (WKKK) stem ooreen met die bevoegdhede en verantwoordelikhede wat ingevolge die Wet op die Wes-Kaapse Kultuurkommissie en Kultuurrade, 1998 (Wet 14 van 1998) uiteengesit word. Die WKKK het ten doel om kultuur te bewaar, te bevorder en te ontwikkel sowel as om die minister van raad te dien oor aangeleenthede wat met kuns en kultuur in die Wes-Kaap te make het. By wyse van sy strategieë en aktiwiteit streef die WKKK daarna om bewusheid te skep van die provinsie se uiteenlopende kulturele gemeenskappe en om samehang tussen hierdie gemeenskappe te bewerkstellig. Sodoende sal geleenthede geskep word vir wedersydse verbondenheid tussen die kuns- en kultuurgilde.

Die jaarlikse prestasieplan (JPP) van die WKKK is daarop afgestem om voort te bou op die vordering wat deur die jare gemaak is en skep, deur 'n verskeidenheid aktiwiteite, 'n omgewing wat bevorderlik is vir maatskaplike inklusie en welsyn.

Ter nakoming van die vereistes van artikel 55 (1) (d) van die Wet op Openbare Finansiële Bestuur, 1999 (Wet 1 van 1999) en artikel 28.2 van die Nasionale Tesourieregulasies, lê die WKKK kwartaallike en jaarlikse verslae voor oor sy prestasie en geouditeerde finansiële state gegrond op die strategiese doelwitte en jaarlikse teikens vir die boekjaar.

Ek wil ook van hierdie geleentheid gebruik maak om my opregte dank uit te spreek teenoor die lede wat op die Wes-Kaapse Kultuurkommissie dien vir hul waardevolle bydrae tot kulturele inklusiwiteit vir almal wat die Wes-Kaap as hul tuiste beskou. Julle proaktiewe pogings gaan nie onopgemerk verby nie.

AMarais

ANROUX MARAIS

WES-KAAPSE MINISTER VAN KULTUURSAKE EN SPORT

AMPTELIKE AFTEKENING

Daar word hiermee gesertifiseer dat hierdie jaarlikse prestasieplan:

- ontwikkel is deur die Wes-Kaapse Kultuurkommissie onder leiding van die minister van die departement van kultuursake en sport;
- voorberei is ooreenkomsdig die huidige strategiese plan van die Wes-Kaapse Kultuurkommissie;
- die prestasleteikens wat die Wes-Kaapse Kultuurkommissie van voorneme is om te behaal, gegewe die hulpbronne wat in die begroting vir 2019/20 beskikbaar gestel is, akkuraat weerspieël.

Brenda Rutgers
Hoof- finansiële beampte



Handtekening

Jane Moleleki
Rekenpligtige gesag



Handtekening

Brent Walters
Departementshoof: Departement van kultuursake en sport



Handtekening

Goedgekeur deur:

Anroux Marais
Wes-Kaapse minister van kultuursake en sport



Handtekening

INHOUD

DEEL A: STRATEGIESE OORSIG	2
1 Visie.....	2
2 Missie	2
3 Waardes	2
4 Wetgewende en ander mandate.....	2
4.1 Konstitutionele mandate	2
4.2 Wetgewende mandate.....	3
4.3 Beleidsmandate.....	4
4.4 Tersaaklike hofuitsprake	5
4.5 Beplande beleidsinisiatiewe.....	5
5.Hersiene situasie-analise	6
5.1 Prestasie - ongewing	6
5.2 Organisatoriese omgewing	9
5.3 Beskrywing van die strategiese beplanningsproses	10
6 Strategiese uitkomsgeoriënteerde doelstellings van die instansie	10
DEEL B: STRATEGIESE DOELWITTE	11
7 Program: Wes-Kaapse Kultuurkommissie	11
8 Strategiese doelwitte	11
9 Strategiese doelwit se jaarlikse teikens vir 2019-2022	11
10 Risikobestuur	11
11 Programprestasie-aanwysers en jaarlikse teikens	13
12 Kwartaallikse teikens vir 2019/20.....	14
13.1 Prestasie en bestedingstendense.....	16
14. BESKRYWING VAN TEGNIESE AANWYSER.....	17
BYLAE A	19

Akronieme

BBSEB	Breë basis swart ekonomiese bemagtiging
BTO	Berg-tot-oseaan
D: ORB	Direktoraat omgewingsrisikobestuur, departement van die premier
DGV	Departement van gemeenskapsveiligheid
DKES	Departement van kultuursake en sport
DVOW	Departement van vervoer en openbare werke
GBBP	Gebruikerbatebestuursplan
HFB	Hoof- finansiële beampete
KMMO	Klein-, medium- en mikro-ondernemings
LUR	Lid van die [provinsiale] uitvoerende raad (provinsiale minister)
MBW	Moet bevestig word
MTUR	Mediumtermyn-uitgaweraamwerk
NTR	Nasionale Tesourieregulasies
OGSA	Ouditeur-generaal van Suid-Afrika
OOW	Openbare Ouditwet
ORB	Ondernemingsrisikobestuur
ORBKOM	Ondernemingsrisikobestuur-en-etiekkomitee
PTI	Provinsiale tesourie-instruksie
RBPI	Raamwerk vir die bestuur van programprestasie-inligting
RG	Rekenpligtige gesag
WKKK	Wes-Kaapse Kultuurkommissie
WOFB	Wet op Openbare Finansiële Bestuur

DEEL A: STRATEGIESE OORSIG

1 Visie

Dra doeltreffend by tot die groei en ontwikkeling van 'n dinamiese kultuuromgewing in 'n verenigde Wes-Kaap.

2 Missie

Om kultuur in die Wes-Kaap te bewaar, te bevorder en te ontwikkel deur:

- die registrasie en deregistrasie van kultuurrade;
- finansiële hulp aan geregistreerde kultuurrade te verleen;
